



Edition 52
IsiXhosa, English

It starts with a story...

Give a gift, give a book

When you give a book as a gift, you invest in the future of a child! Good books can be enjoyed over and over again.

But, when you are in the bookshop surrounded by hundreds of inviting books, how do you pick one that a child is likely to want to read again and again – especially if you do not know the child very well? Here are some suggestions. (They apply to choosing books for children from the library too!)

Look at the shelves and displays, and choose a book that catches your eye. If it is a picture book, read the whole story. If it is a longer book, then read the beginning, a page or two in the middle and the ending. Then think about these things:

- If it is a picture book, could you bear it if a child asked you to read it again and again?
- If there are illustrations, look at them closely. Do they have interesting details in them that would fascinate a child? Do they help to tell part of the story?
- Did you want to keep reading? If so, chances are the story will hold a child's attention too.
- Does the book use words in ways that help you to create pictures in your mind and make you want to read on?
- Did the story have a clever and/or satisfying ending?

And here are some great opportunities to give books as gifts.

- **At the birth of a baby** Together with five friends, give a book for each of the first five years of the child's life.
- **At different milestones in a child's life** Help a child prepare for or deal with new experiences, like starting a new school, by giving them a storybook or novel about this.
- **At birthdays** Books make great birthday presents for any child, but you can also help create or expand a school library by donating a book to your child's school on his or her birthday.
- **As encouragement** Give a book to show your child you have noticed how hard they have tried to do something at home, with friends or at school. Then comes the real reward – time spent reading the book with you!



Don't miss the special holiday edition of your Nal'ibali supplement next week! It's filled with fun things to read and do, and it's the last one for 2013!

Ungaphoswa luhlelo olukhethekileyo lweholide lweNal'ibali kule veki izayo! Luzele zizinto ezonwabisayo onokuzifunda nonokuzenza, kwaye lolokugqibela kowama-2013!

Nikezela ngesipho, nikezela ngencwadi

Xa unikezela ngencwadi njengesipho, utyala imbewu yekamva eliqaqambileyo emntwaneni! Iincwadi ezimnandi zonwatyelwa okokoko.

Kanti, xa usevenkileni yeencwadi ungqongwe ngamakhulukhulu encwadi ezinomdla, uyikhethe njani eyakuba nomdla emntwaneni nayakufuna ukuyifunda ayiphindaphinde – ngakumbi xa ungamazi kakuhle umntwana lowo? Nazi ezinye iingcebiso. (Ungazisebenzisa naxa ukhethela abantwana iincwadi kwithala leencwadi!)

Jonga kumanqwanqwa eencwadi nakwezo zibonisiweyo, uze ukhethe loo ncwadi itsala umdla kuwe. Ukuba yincwadi yemifanekiso, funda lonke ibali. Ukuba yincwadi ende, yifunde ekuqaleni, uze ufunde iphepha elinye okanye amabini phakathi kunye nesiphelo. Emva koko, nazi izinto omawucinge ngazo:

- Ukuba yincwadi yemifanekiso, uya kumelana nemeko yaxa umntwana wakho ekucela ukuba uyifunde, uyiphindaphinde?
- Ukuba kukho imifanekiso, yiqwalaselise. Ingaba imifanekiso leyo iqulethe iinkcukacha eziya kuba nomdla emntwaneni? Ingaba imifanekiso leyo incedisa ekubaliseni ibali?
- Ingaba ubusafuna ukuqhubeka nokufunda? Ukuba kunjalo, maninzi amathuba okuba ibali elo liya kuwubamba nomdla womntwana wakho.
- Ingaba incwadi isebenzise amagama ngeendlela eziya kukunceda ukuba

uzizobele imifanekiso engqondweni yakho ukuze ufune ukuqhubeka nokufunda?

- Ingaba ibali linesiphelo esonelisayo kunye/okanye nesibonakalisa ubulumko?

Nanga ke namathuba abalulekileyo okunikezela ngeencwadi njengezipho.

- **Xa kuzalwa umntwana** Wena kunye nabahlobo bakho abahlanu, nikezelani ngeencwadi kunyaka ngamnye kwiminyaka emihlanu yokuqala yobomi bomntwana.
- **Kwiziganeko nemida eyohlukileyo kubomi bomntwana.** Nceda umntwana alungiselele iziganeko ezithile okanye ukujongana namava amatsha, afana nokuqala kwisikolo esitsha, ngokumnika incwadi yebali okanye inoveli ebalisa ngeso siganeko.
- **Ngemihla yezikhumbuzo zokuzalwa.** Iincwadi zizizipho ezibalaseleyo zemihla yezikhumbuzo zokuzalwa zakhe nawuphi na umntwana, kodwa ke ungancedisa ekwenzeni okanye ekwandiseni ithala leencwadi lesikolo ngokunikezela ngencwadi esikolweni somntwana wakho ngosuku lwakhe lokuzalwa.
- **Njengenkuthazo** Nikezela ngencwadi emntwaneni wakho ukubonakalisa ukuba ukuziqaphele iinzame zakhe ekwenzeni okuthile ekhaya, kunye nabahlobo bakhe okanye esikolweni. Emva koko ke kuza owona mvuzo woqobo – ixesha enilichitha nifunda loo ncwadi nikunye!



Drive your
imagination

Read to me. Never too early.
Never too late.
Ndifundele. Awukashiywa lixesha.
Lingasokuze likushiye nanini na.





Drive your imagination

Celebrating picture books



Ukubhiyozela iincwadi zemifanekiso

Picture books are books in which the illustrations are just as important to telling the story as the words. They are mostly shorter books that can be read in one sitting.

November is International Picture Book Month. To celebrate it, we would like to introduce you to some of South Africa's talented picture book authors and illustrators. They have had books published in South Africa and overseas, and have had stories in the Nal'ibali supplement and/or on Nal'ibali Radio in 2013!

Iincwadi zemifanekiso ziincwadi apho imifanekiso ibaluleke njengamagama ekubalisweni kwebali. Ziqhele ukuba ziincwadi ezimfutshane nezinokufundwa zigqitywe kuhleliwe nje kwakanye.

EyeNkanga yiNyanga yeeNcwadi zemifanekiso yeHlabathi. Ukuyibhiyozela, singathanda ukukwazisa kwabanye bababhali beencwadi zemifanekiso nabazobi abanesiphiwo baseMzantsi Afrika. Baneencwadi ezipapashwe eMzantsi Afrika nakumazwe aphesheya, kwaye banamabali akuhlelo lweNal'ibali kunye/okanye nakwinkqubo kanomathotholo yeNal'ibali kowama-2013!

Niki Daly (author and illustrator)

How long have you been writing and illustrating picture books?

35 years

How long does it take to come up with an idea for a story?

Ideas for stories can come to me in an instant, or they can spend years just written down as an idea in my "Book of Ideas".

What is the fun part of your work?


Creating the characters! Many of my books spring from a particular character that I have drawn – a strong character can pull you straight into a story with them. Jamela (in the *Jamela* books) did that; so did Ruby (in *Ruby sings the blues*) and Mama Jumbo (in *Zanzibar Road*).

Name some of the countries your books are available in.

South Africa, the United Kingdom, the USA, Korea, Spain, Brazil, France, Japan, Ghana and Nigeria

What do you want to tell children about picture books?

Keep the picture books that you love the most. One day when you are an adult, you will open them up again, and how you felt as a child will come flooding back to you!



UNiki Daly (umbali nomzobi)

Lixesha elingakanani ubhala kwaye uzobela iincwadi zemifanekiso?

Yiminyaka engama-35

Kuthatha ixesha elingakanani ukufumana ingcingane ngebali?

Iingcingane zamabali zifika kum ngephanyazo, okanye zingathatha iminyaka zibhalwe "encwadini yam yeengcingane"

Yintoni emnandi ngomsebenzi wakho?

Kukubumba abalinganiswa! Iincwadi zam ezininzi zizalwa ngumlinganiswa othile endithe ndamzoba – umlinganiswa owomeleleyo angakutsala ungene dzwabha ebalini kunye naye. UJamela (kwiincwadi zikaJamela) wenze kanye oko, noRuby ngokunjalo (kwiincwadi ethi *Ruby sings the blues*) kunye noMama Jumbo (ku*Zanzibar Road*).

Sixelele amanye amazwe iincwadi zakho ezifumaneka kuwo?

EMzantsi Afrika, eUnited Kingdom, eMerika, eKorea, eSpain, eBrazil, eFrance, eJapan, eGhana kunye naseNigeria

Yintoni ofuna ukuyixelela abantwana malunga neencwadi zemifanekiso?

Gcina ezona ncwadi zemifanekiso ozithanda kakhulu. Ngenye imini xa umdala, uya kuziphengulula kwakhona, kwaye inkumbulo yendlela owawuvakalelwa ngayo bubuntwana bakho iya kubuyela kuwe njengonogumbe!



Wendy Hartmann (author)

How long have you been writing picture books?

27 years

More or less how long does it take you to complete a book?

One to three years

What is the fun part of your work?

When the story pulls together and you feel the excitement. Then, when the illustrator starts to paint or draw and interpret your words – that's wonderful!

What is the hard part?


Cutting out words and sentences you thought were important. Also, finding out that some stories just don't work.

Name some of the countries your books are available in.

South Africa, the United Kingdom, the USA and France

What do you want to tell children about picture books?

No matter who you are or how old you are, you will discover a picture book that you will want to share.



UWendy Hartmann (umbhali)

Unexesha elingakanani ubhala incwadi zemifanekiso?

Iminyaka engama-27

Uqikelela ukuba uthatha ixesha elingakanani ukugqiba ukubhala incwadi?

Unyaka ukuya kwemithathu

Yintoni emnandi ngomsebenzi wakho?

Kuxa ibali liyondelelana uziva uvuselelekile. Naxa umzobi eqalisa ukupeyinta okanye ukuzoba etolika amazwi akho – oko kuyamangalisa!

Yintoni eyona nto inzima ngomsebenzi wakho?

Ukushenxisa amagama nezivakalisi obucinga wena ukuba zibalulekile. Kwakunye nokufumanisa ukuba amanye amabali awayondelelani kwaphela.

Sixelele amanye amazwe iincwadi zakho ezifumaneka kuwo.

EMzantsi Afrika, eUnited Kingdom, eMerika naseFrance

Yintoni ofuna ukuyixelela abantwana malunga neencwadi zemifanekiso?

Akukhathaliseki nokuba ungubani okanye ungakanani, uza kuyifumana incwadi yemifanekiso ofuna ukwabelana ngayo nabanye.



Create your own cut-out-and-keep book

1. Take out pages 3 to 6 of this supplement.
2. Fold it in half along the black dotted line.
3. Fold it in half again.
4. Cut along the red dotted lines.

Zenzele eyakho incwadana onokuyisika-ze-uyigcine

1. Thatha iphepha lesi-3 ukuya kwelesi-6 kolu hlelo.
2. Wasonge esiphakathini kumgca wamachaphaza amnyama.
3. Phinda uwasonge esiphakathini kwakhona.
4. Sika kwimigca yamachaphaza abomvu.



UMakazi u-Aya wakha amanzi
olwandle. USimon uziphose emanzini.
USandi uthethe phaxa ngesisu.

Aunty Aya collected sea water. Simon
flung himself into the water. Sandi did a
belly flop.



Fold

“Hurry up, Momi
Hurry up, Aunty Aya!”
called Lucy.
“Khawuleza Mama!”
“Khawuleza Makazi!”
Aya!” wakhwaza uLucy.



The beach was wide.
There were white
horses on the sea.
Ulwandle lwalubanzi.
Kwakukho amahashe
amhlophe elwandle.




We publish what we like

This is an adapted version of *Swimming in the sun*, published by Jacana Media and available in bookstores and on-line from www.jacana.co.za. This story is also available in isiZulu, isiXhosa, Afrikaans, Sesotho and Setswana. Jacana publishes books for young readers in all eleven official South African languages. To find out more about Jacana titles go to www.jacana.co.za.

Funda ibali eliyintsusa elithi, *Ukudada elangeni*, elishicilelwe yi-Jacana Media kwaye elifumaneka ezivenkileni zeencwadi nakwi on-line ku www.jacana.co.za. Eli bali likwafumaneka ngesiZulu, ngesiNgesi, nge-Afrikaans, ngeSesotho nangeSetswana. I-Jacana ishicilela iincwadi zabafundi abaselula ngazo zonke iilwimi ezivunyiweyo ezilishumi elinanye zaseMzantsi Afrika. Ukuze ufumane iinkcukacha ezigcweleyo ngeetayitile ze-Jacana yiya ku: www.jacana.co.za.

© Jacana Media (South African rights only) Tel: (011 628 3200)

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark children's potential through storytelling and reading. For more information, visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi




INal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukozonwabisa nokuvuselela umdla ebantwaneni ngokubalisa amabali nokufunda. Ngeenkukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi



Fold

Swimming in the sun Ukudada elangeni



Jenny Hatton
Joan Rankin


USandi noSimon babaleka
begonde phambili.

Sandi and Simon ran ahead.



Isanti
yayithambile
kwaye
inkwafunkwafu
phakathi
kwenzwane
ziLucy.

The sand was soft
and squishy between
Lucy's toes.



ULucy, uSimon noSandi
badada bade badasisisa.

Then Lucy and Simon and Sandi
swam and swam and swam.



Fold

Lucy and her family were on holiday at Mzamba beach. One morning Lucy said, "The day is going to be as hot as a tomato."

ULucy nosapho lwakhe bebeseholideyini
kulwandle lwaseMzamba. Ngenye intsasa uLucy
wathi, "Usuku luza kutshisa njengetomato."



Fold

4



... and Sandi was a freckled banana.

... kanti uSandi yena eyibhanana echokoziweyo.

The sun became a yellow ball. It was time to go home.
lIanga laba yibhola elubhehu. Yayilixesha lokugoduka.



They saw the sea below the cliffs. They jumped off the rocks onto the beach.
Babone ulwandle ezantsi kwamawa. Batsibe ematjeni bangena elwandle.



But Sandi said, "It'll be as hot as a banana."

Kodwa uSandi yena uthe, "Luza kutshisa okwebhanana."



Lucy was a tired tomato ...



ULucy wayeyitumato ediniweyo ...





Lucy put on her costume. She rubbed sun cream on her face. She also spread it on her arms and legs.

ULucy unxibe ikhostyum yakhe. Uqabe ubuso bakhe ngesikhuseli selanga. Usiqabe nazingalweni zakhe nasemilenzeni.



They plodded up the cliff path.

Bacengile ukonyuka indlela eseliweni.

Lucy ran after her brother, Simon, and her cousin, Sandi. They dashed down the cliff path. Simon told them he saw a mamba, but he didn't!

ULucy ubaleke emva kobhuti wakhe uSimon nomzala wakhe uSandi. Babaleke kakhulu ukwehla indlela eseliweni. USimon ubaxelele ukuba ubone imamba kodwa engayibonanga!

The children dragged their feet through the waves. They hopped over the hot sand.

Abantwana barhage iinyawo zabo emazeni. Baxumela esantini etshisayo.

Fold

Fold 6



Jude Daly (illustrator and author)

How long have you been working in the world of picture books?

I've been illustrating picture books for about 20 years and retelling stories for about 13 years. I started writing my own, new stories about 2 years ago.

More or less how long does it take you to complete a book?

Between two and four years

What is the name of the first picture book you published?

The Dove which was written by Dianne Stewart.

Name some of the languages your books are available in.

English, Afrikaans, isiZulu, isiXhosa, French, Danish, Spanish, Korean and Japanese

What do you want to tell children about picture books?

I hope you never feel too old to enjoy them.



UJude Daly (umzobi kunye nombhali)

Unexesha elingakanani usebenza ngokubhala iincwadi zemifanekiso?

Ndineminyaka engama-20 ndizobela iincwadi zemifanekiso neminyaka eli-13 ndibalisa kwakhona amabali. Kwiminyaka emi-2 edlulileyo, ndiqalise ukubhala awam amabali amatsha.

Uqikelela ukuba uthatha ixesha elingakanani ukugqiba incwadi?

Phakathi kweminyaka emibini kunye nemine

Sithini isihloko sencwadi yemifanekiso yokuqala owayipapashayo?

Yincwadi esihloko sithi, *The Dove* eyayibhalwe nguDianne Stewart.

Sixelele ezinye zeelwimi iincwadi zakho ezifumaneka ngazo.

IsiNgesi, i-Afrikaans, isiZulu, isiXhosa, iFrench, iDanish, iSpanish, iKorean kunye neJapanese

Yintoni ofuna ukuyixelela abantwana malunga neencwadi zemifanekiso?

Ndinethemba lokuba awusokuze uzive umdala kakhulu ukuzonwabela.

Marjorie van Heerden (illustrator and author)

When did you start creating stories?

I started drawing picture stories before I learnt to read and write, and have been doing it ever since. I had my first book published 30 years ago this year!

Who are some of your favourite picture books authors/illustrators?

Maurice Sendak, Jan Ormerod, Helen Oxenbury, Satoshi Kitamura, Tony Ross, Anthony Browne and Quentin Blake

How much do you like picture books?

A lot! For the last 30 years I've been collecting them and now I have over 30 000 illustrated children's books!

Why are picture books important?

Well-illustrated picture books provide the gateway to experiences and adventures that stimulate your mind and imagination.



UMarjorie van Heerden (umzobi kunye nombhali)

Waqala nini ukuqamba amabali?

Ndaqala ukuzoba amabali emifanekiso phambi kokuba ndifunde ukufunda nokubhala, ndaza ndaqhubeka okokoko. Incwadi yam yokuqala yapapashwa kwiminyaka engama-30 eyadlulayo!

Ngoobani abanye babona bazobi/babhali beencwadi zemifanekiso obathandayo?

NguMaurice Sendak, uJan Ormerod, uHelen Oxenbury, uSatoshi Kitamura, uTony Ross, uAnthony Browne kunye noQuentin Blake

Uzithanda kangakanani iincwadi zemifanekiso?

Kakhulu! Kule minyaka engama-30 idlulileyo bendiziqokelela kwaye ngoku ndinangaphezulu kwama-30 000 eencwadi zemifanekiso zabantwana!

Kutheni zibalulekile iincwadi zemifanekiso?

Iincwadi zemifanekiso ezizotyelwe kakuhle lisango elikhokelela kuzungezo namava athi avuselele ingqondo nentelekelelo.



Joan Rankin (illustrator and author)

How did you get into working on picture books?

I studied art at university and then someone suggested I do book illustrations. I hadn't planned on doing it!

What is the fun part of working on picture books?

It all has to be fun, otherwise the book itself is boring.

What is the hard part?

Getting started – getting to know the main character and experiencing their reactions and emotions. It is exhausting.

Why are picture books important?

They are the best way to learn about life, language, and understanding and solving problems! A book can be a friend to hold, smell, feel and experience for life.



UJoan Rankin (umzobi kunye nombhali)

Waqala njani ukusebenza ngeencwadi zemifanekiso?

Ndafunda ezobugcisa eyunivesithi kwaza kwakho owandicebisa ukuba ndizobe imifanekiso yeencwadi. Ndandingazange ndikucebe ukwenza oko!

Yintoni emnandi ngokusebenza ngeencwadi zemifanekiso?

Konke kufuneka kube mnandi, kungenjalo loo ncwadi ngokwayo iya kukruqula.

Yintoni eyona nto inzima ngomsebenzi wakho?

Kukuqalisa – ukwazi umlinganiswa ophambili nokufumana amava ngeemvakalelo zakhe neendlela azibona ngayo izinto. Oku kuyadina.

Kutheni zibalulekile iincwadi zemifanekiso?

Zezone ndlela zilungileyo zokufunda ngobomi, ngolwimi nokuqonda nokusombulula iingxaki! Incwadi ingangumhlobo onokumbamba, umjoje, uvakalelwe nguye kwaye ufumane amava ngobomi naye.

Nal'ibali on radio!

Enjoy listening to stories in isiXhosa and in English on Nal'ibali's radio show:

Umhlobo Wenene FM on Monday to Wednesday from 9.30 a.m. to 9.40 a.m.

SAfm on Monday, Wednesday and Friday from 1.50 p.m. to 2.00 p.m.



UNal'ibali kunomathotholo!

Yonwabela ukuphulaphula amabali ngesiXhosa nangesiNgesi kwinkqubo kanomathotholo yeNal'ibali:

Umhlobo Wenene FM ngoMvulo ukuya kuLwesithathu kusasa, ukususela ngo-9.30 ukuya ngo-9.40.

SAfm ngoMvulo, ngoLwesithathu nangoLwesihlanu emini, ukususela ngo-1.50 ukuya ngo-2.00.

Story corner

Here is the final part of the story about a silly young man for you to read aloud or tell.

Silly Thukile (Part 2) Retold by Wendy Hartmann

On Friday, Thukile worked for a baker. At the end of the day the baker paid Thukile by giving him a dog. Thukile carefully carried the dog home in his hands. But before long, the dog began to scratch and nip Thukile so badly that he had to let it go.

His mother said, "Oh, Thukile, you should have tied a string to its collar and let it follow behind you."

"Okay," said Thukile, "I'll do that tomorrow."

The next day was Saturday and Thukile went to work for a butcher. He paid Thukile with a nice piece of meat. Thukile took the meat, tied a string around it and dragged it along behind him! By the time he got home, the meat was spoilt.

"What am I going to do with you?" his mother asked. "Tomorrow is Sunday and now we will have only cabbage to eat for dinner. You should have carried the meat on your shoulders."

"I'll do that next time," replied Thukile.

On Monday, Thukile worked for someone who gave him a donkey as payment. Thukile struggled and struggled, but at last he had the donkey up and on his shoulders. Then he began to walk home slowly.

Thukile passed a house where a very rich man lived. The rich man had only one daughter, but for years she had not said a word. She had also never laughed in her life. The doctors said that she would only be able to speak again if someone made her laugh. The rich man promised that anyone who made her laugh, could marry her.

The girl was looking out the window as Thukile passed with the donkey on his shoulders. The donkey's legs were sticking up in the air and it looked so funny that the girl burst out laughing. At once she was able to speak again.

The rich man was so happy, and he kept his promise – his daughter and Thukile could be married. Thukile became very rich. He lived in a big house with his wife and his mother who never had to work again. And Thukile never had to carry anything else himself again.



Illustration by Jiggs Snaddon-Wood
Umfanekiso nguJiggs Snaddon-Wood

Tell us if you liked the story, *Silly Thukile* – SMS "Bookmark" with your name and your comments to 32545. R1,00 per SMS.

Ikona yamabali

Nantsi inxalenye yokugqibela yebali elimalunga nenkwenkwe esisihiba onokulifunda ngokuvakalayo okanye ulibalise.

Isihiba esinguThukile (Inxalenye 2) Libaliswa kwakhona nguWendy Hartmann

NgoLwesihlanu, uThukile wasebenzela umbhaki. Ekupheleni kosuku umbhaki wahlawula uThukile ngokumnikainja. UThukile wayithathainja waza wagoduka eyiphethe kakuhle ngezandla zakhe. Kodwa kungekudala,inja yaqalisa ukumkrwempa nokumgrena kakhulu uThukile kangangokuba wanyanzeleka ukuba ayiyeke.

Umama wakhe wathi kuye, "Owu, Thukile, bekufuneka uyifake intambo apha entanyeni yayo uze uyitsale ikulandele."

"Kulungile," utshilo uThukile, "ndakwenza njalo ngomso."

Usuku olulandelayo yayinguMgqibelo kwaye uThukile waya kusebenza esilarheni. Unosilarha wahlawula uThukile ngesixingaxinga esihle senyama. UThukile wayithatha lo nyama, wayibophelela ngentambo, wayitsala emva kwakhe! Wathi xa efika ekhaya, yabe inyama yonakele yonke.

"Ndikuthini kanye?" kubuza umama wakhe. "Ngomso yiCawa kwaye siza kutya ikhaphetshu kuphela ngesidlo sangokuhlwa. Bekufuneka uyixwaye laa nyama."

"Ndakwenza njalo kwixesha elizayo," waphendula uThukile.

NgoMvulo, uThukile wayokusebenzela umntu owamhlawula ngedonki. UThukile waputalaza, waputalaza, wada ekugqibeleni wakwazi ukuyixwaya idonki. Waza waqalisa uhambo lwakhe olugodukayo, ecothoza.

UThukile wadlula indlu eyayihlala indoda esisityebi. Esi sityebi sasinentombi enye kuphela, kodwa yayiyiminyaka emininzi ingasathethi. Kananjalo, yayingazange ihleke ebomini bayo bonke. Oogqirha bathi uyakuze akwazi ukuthetha mhla kwabakho umntu oyakuthi amhlelise. Indoda esisityebi yathembisa ukuba nabani na onokuthi ayihlelise intombi yakhe, uya kuyitshatisa naye.

Le ntombazana yayikrobe ngefestyle ukugqitha kukaThukile exwaye idonki. Imilenze yedonki yayijonge phezulu kwaye loo mbono wawuhlekisa kakhulu, kangangokuba le ntombazana yasuka yatsho ngesiqhazolo sentsini. Ngoko nangoko yakwazi ukuthetha kwakhona intombazana.

Indoda esisityebi yayonwabe kakhulu, yaza yasigcina nesithembiso sayo – intombi yakhe yatshata noThukile. UThukile waba sisityebi. Wahlala endlwini enkulu nomfazi wakhe kunye nomama wakhe ekwakungasafuneki ukuba asebenze kwakhona. NoThukile zange kuphinde kubekho mfuneko yokuba athwale nto kwakhona.

Sixelele ukuba ulithandile kusini na ibali elisihloko sithi, *Isihiba esinguThukile* -SMSa u-"Bookmark" negama lakho kunye namagqabantshintshi akho ngebali ku-32545. I-SMS nganye ixabisa i-R1,00.

In your last Nal'ibali supplement for 2013:

- Ideas for holiday story fun
- Two stories to enjoy
- Puzzles and other fun Nal'ibali activities
- Story Stars: Nal'ibali staff making a difference
- Nal'ibali holiday poster

Bookmarks, posters, activity sheets... Download your free resources from the Nal'ibali "Resource Section" at www.nalibali.org



Find us on Facebook:
www.facebook.com/nalibaliSA
Sifumane kuFacebook:
www.facebook.com/nalibaliSA

Kuhlelo lwakho lokugqibela lweNal'ibali kowama-2013:

- Iingcebiso zokonwabela amabali ngexesha leeholide
- Amabali amabini onokuwonwabela
- Iiphazili kunye neminye imisetyenzana onokuyonwabela yeNal'ibali
- Iimbilasane zamabali: Abasebenzi beNal'ibali abenza umahluko
- Ipowusta yeholide yeNal'ibali

Izalathisi ezifakwa encwadini, iipowusta kunye namaxwebhu okusebenzela ... Zikopele imithombo eluncedo simahla evela kwiCandelo leMithombo eluncedo yakwaNal'ibali ku-www.nalibali.org

